

IBANGA 2 ULWIMI LWEENKOBE

USisi unomhlobo omtsha



ISIXHOSA

Inqanaba: |

Incwadi |



Ukufunda ngokwamaqela

Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.



Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bavumele abafundi basebenze ngokwamaqela bagqibezele imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

USisi unomhlobo omtsha



USisi ukhwele elorini. Yonke
impahla yayifakiwe. Babefudukela
kwindlu, ekwenye idolophu. USisi
wayeza kufunda kwisikolo esitsha.

“Ucinga ukuba ndiza kubafumana
abahlobo abatsha?” uSisi ubuze
umama wakhe.




Kusuku lwakhe lokuqala kwisikolo sakhe esitsha, uSisi wayesoyika ecinga ukuba akasayi kukwazi ukuzenzela abahlobo.

“Andazi namnye umntu,” ucinge njalo. “Ndiza kumcela njani umntu ukuba abe ngumhlobo wam?”

Wabulisa umama wakhe.

“Sala kakuhle mama, ndiyathemba andisayi kuba lilolo.”



USisi uye kwigumbi lakhe elitsha leBanga 2. Isisu sakhe sasixuxuzela nentliziyo yakhe ibetha ngamandla, dufu, dufu, dufu.

Ebeneyunifom entsha, iincwadi ezintsha notitshala omtsha. Uhlale kwidesika entsha, kufutshane nenkwenkwana entsha enguSam. USam naye wayeneminyaka esi-7.

“Andazi nokuba uSam angangumhlobo wam,” wazicingela.



Intsimbi yakhala ngexesha lekhefu
waze uSam wabaleka wayodlala.
Sele enabahlobo!

Usizi olunguSisi lwema lwabukela
abantwana bedlala. Wayefuna
ukudlala nabo kodwa eneentloni
zokucela oko. Akukho namnye
owamqaphelayo uSisi ukuba ume
yedwa.

“Ndingwenela ukudlala nam,”
wacinga njalo.
“Ndiziva ndililolo.”

Ndingwenela
ukudlala nam.



Kusuku olulandelayo, ngexesha lekhefu, uSisi wabona uMandu ehleli yedwa futhi ekhangeleka elusizi kakhulu.

UMandu wayelusizi kuba wayelibele ukuza nesidlo sakhe sasemini esikolweni. Waye eziva elambile kakhulu. Wayebukele uJim noJabu besitya isidlo sabo sasemini.

“Akwaba bendinento yokutya nam,” wasebeza.



USisi wambona uMandu ukuba
ulusizi.

“Kutheni Mandu?” wabuza uSisi.

“Ulibele isidlo sakho sasemini
ekhaya?”

“Ewe,” waphendula uMandu,
“kwaye ndilambe kakhulu.”

“Ungakhathazeki Mandu,” utshilo
uSisi. “Siza kwabelana ngesidlo sam
sasemini.”



USisi wabelana noMandu ngesidlo sakhe sasemini.

“Mmmm!” utshilo uMandu.

“Eli qebengwana limnandi kakhulu!”


“Enkosi Sisi. Enkosi ngokundikhathalela.” utshilo uMandu.

USisi wayenomhlobo omtsha!



UBathatheinja, wayevuya kakhulu
kuba uSisi enomhlobo omtsha.
Wakhonkotha ebungezelisa
umsila wakhe. "Hawu, hawu!"
wakhonkotha. Abantwana
babaleka bayojonga ukuba kutheni
uBathathe ekhonkotha.

"Molo Sisi!, batsho kuye, "yiza
uzodlala nathi."



USisi kungekudala waba nabahlobo abaninzi abatsha.

Wakuvuyela kakhulu ukuya esikolweni sakhe esitsha.

Wayonwabile xa edlala nabahlobo bakhe abatsha. Ukutshintsha izikolo bekungekho nzima kangako.

**Ukuzenzela abahlobo kulula
ukuba ungumntu olungileyo
nonenkathalo!**



Indlela yokuzenzela abahlobo



Ngamanye amaxesha kubonakala kunzima ukuzenzela abahlobo abatsha. Kufuneka wenze ntoni?



😊 Thatha inyathelo lokuqala. Zazise kwabanye.

😊 Zibandakanye kwimisebenzi eyenziwa emva kwexesha lokufunda.





Qinisekisa ukuba uya ucocekile esikolweni.



Khumbula amagama abanye abafundi.



Yiba ngumntu olungileyo.



Yiba nesisa.



... Xa unomhlobo omtsha, thobeka, unyaniseke, uhlonipheke uze uthembeke.



Imisebenzi yokufunda ningamaqela



- 1 Jonga emifanekisweni. Xelela umhlobo wakho ngokwenzekayo kumfanekiso ngamnye. Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso ekufuneka ibe ngowokuqala, owesibini nowesithathu.



- 2 Beka ezi zivakalisi zilandelayo ngendlela echanekileyo uze ufundele umhlobo wakho.

a.	Waphakamisa isandla esithi bhayi -bhayi kumama wakhe.
b.	Wabelana ngesidlo sakhe sasemini noMandu.
c.	USisi wahlala noSam.
d.	UMandu ulambe kakhulu.
e.	Namhlanje uSisi ufdukele kwindlu entsha.



3 Linganisa ibali.

Qqibezela lo msebenzi. 4



- a. Bhala phantsi amagama ama-2 angawakho aya kuba nemvano -zandi nala:

xuxuzela

kakhulu

balisa

zazise

hlala

- b. Bhala la magama kwixesha elidlulileyo:

hlala

hamba

biza

fuduka

yiza

dlala

libala

khwela

yitsho

balisa

- c. Khangela amagama anezi zandi zilandelayo ebalini uze uwabhale phantsi:

x

b

hl

kh

- d. Khangela izivakalisi ebalini ezinezi ziphumlisi zilandelayo uze uzibhale phantsi:

.

,

?

!

“ ”



5 Thetha ngebali:


- Kutheni isihloko sebali?
- Ngoobani abadlali abaphambili ebalini?
- Sitheni uSisi aze aye esikolweni esitsha?
- Sithetha ukuthini xa sisithi, "uSisi waxuxuzelelwa sisisu"?

- e. Wakhe waxuxuzelelwa sisisu? Ukuba kunjalo, kwakutheni?
- f. Kutheni ucinga ukuba uMandu wayeneentloni ukucela abanye abantwana ukuba badlale naye?
- g. UBathathe wenza ntoni ukunceda uSisi?
- h. Sazi njani ukuba uSisi wayengumhlobo olungileyo kuMandu?
- i. Ufuna ntoni kumhlobo olungileyo?
- j. Cinga isiphelo sebali esisesinye.
- k. Uthini umbuzo ofuna ukuwubuzisa utitshala wakho malunga neli bali?



6

Zoba ngokutsha imephu yengqondo kwincwadi yakho yomsebenzi uze uyigcwalise.



7

Bhala ibali libe malunga nezivakalisi ezi-6. Zoba umfanekiso webali lakho.

IBANGA 2 ULWIMI LWEENKOBE



Incwadi

1

<i>Isihloko:</i>	USisi unabahlobo abatsha
<i>Ulwimi:</i>	IsiXhosa
<i>Inqanaba:</i>	Incwadi yamabali yoLwimi Lweenkobe yeBanga loku-2 Incwadi yesi-1 Inqanaba 1
<i>Uhlobo lwencwadi:</i>	Ibali
<i>Amagama ajongwayo:</i>	namhlanje, okulandelayo, phi, okunye, yiza, yenza
<i>Isigama:</i>	ifakiwe, iyahamba, iitshomi/abahlobo, -yoyika, utitshala, ilolo, xuxuzela, iyunifomu, utitshala, -sebeza
<i>Izandi:</i>	q, hl, x, ph, t, th, b, c, f, kh, nz, dw, nk, khw, hl, tsh, ntw, ntsh, ee.
<i>Umxholo, amagama nezakhono:</i>	<ul style="list-style-type: none">▪ Chaza imifanekiso.▪ Landelelanisa imifanekiso ngendlela echanekileyo.▪ Sebenzisa imifanekiso ukubalisa kwakhona ibali.▪ Landelelanisa iziganeko ngendlela echanekileyo.▪ Linganisa ibali▪ Bhala amagama angawakho anemvano-zandi.▪ Bhala phantsi ixesha elidlulileyo lamagama athile.▪ Khangela amagama anezi zandi zilandelayo ebalini: x, b▪ Khangela izivakalisi ebalini ezinezi ziphumlisi zilandelayo: isingxi, ikhoma, uphawu lombuzo nophawu lwesikhuzo.▪ Funda uze uphendule imibuzo yesicatshulwa.▪ Gcwalisa imephu yengqondo emalunga nebali.▪ Bhala ibali ngamagama angawakho, izivakalisi ezi-6.▪ Zoba umfanekiso webali.

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2341-2



9 781431 523412



ISBN 978-1-4315-2341-2

**THIS BOOK MAY NOT
BE SOLD.**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

**Ezinye iincwadi ezikwithala
leencwadi zebanga lesi-2
zoLwimi Lweenkobe:**

Inqanaba: 1

USisi unomhlobo omtsha

Kunzima ukuba yinja

Mhla iqwarhashe lanemigca

**UNdlulamthi uyakuthanda
ukufunda**

Inqanaba: 2

UBubu ulahlekile

Benza njalo abahlobo

Intshontsho ledada elibi

Inqanaba: 3

Ibhayisekile entsha kaBheki

Izilwanyana ziya elwandle

Tshotsh' ubekho Mnenga